# Yimbongikazi.

## IZIKO LE NYEMBEZI.

(Ngompoposho ka Mr. Twebu.)

*Yadlulana? Iminyaka umi ndaweninye?*

1. Udlule unyaka sowusishiyile
Nango amabala ati awuseko
Nembandezelo zokubuka omtsha
Ofikileyo.

2. Udlule unyaka wemka unendaba
Zabantu bonke abasemhlabeni
Ezokuhlala nokupatana kubi
Ziyo kubhalwa.

3. Hanewu! 1920
Nyaka wendaniso
Safuna Inkululeko
Watoba imbumbulu
Qo kekona; Qo:

4. Hanewu! 1920
Twangutwangu olwaba njengo ngcwalazi
Wafumbalalisa ngapantsi kwenduku
Isanuse u Rubusana inkomo
Enobuqi benyamakazi.

5. Taru! Nto ka Rubusana
Eyasela ugxeko njengamanzi
Hamba!— 1920
Nemisebenzi yako.

6. Awu! Camagu ke 1921
Yiya uzihlabe uzikandanise
Into ezindala
Zonyaka omdala.

7. Kaufike upele
Nowako unyaka
Upume nezelo
Zelako iqula
Taru! Bawo!

Iziko le Nyembezi:—

8. Bandula bonke abantu
Bahlangana enkundleni
Epambi kwesango lamanzi
Njengomntu mnye.
NEHEMIAH 8th CHAP. 1st VERSE.

9. Ukuba nibuyela ku Yehova
Ngayo intliziyo yenu
Kwelelisani o Tixo basemzini
Pakati kwenu.
1 SAMUEL 7th CHAP. 3rd VERSE.

10. Halahoyi! Ke ma Afrika
Nalo ke ivumba
LINUKA
Okwenyoka yomlambo.

11. Iziko le nyembezi
Liziko lo manyano
Kona baze babuye
Nabasezintabeni.

12. Kukusiwa kwezikalo
Zabasebenzi ezinkosini
Kuba bengena ndawo
Yokuhlambana induma.

13. Ke lento izinkosi
Ifuna u Manyano
Kuba zingonyama ezijonga
Ngeliso elibomvu.

14. U Tixo udinge
Ukuba wosinceda
Kodwa kungengapandle
Kweyetu imigudu.

15. Kaudude ke! Nto ka Twebu
SIBONELE
Indlebe zetu
Zingemki nezikova.

16. Kautshile! Ondilele
Badidizele
Kuze inkosi zetu.
Zifuman'isipehlo.

17. Iziko le nyembezi
Vumani! Madoda
Inqayi nozifihla kona
Xa lidudama.

18. Siyavuma! Ewe!
Liziko lo manyano
Mazapuke ke imbambo
Nga macal'omabini.

19. Likaya labahambi
Vumani! Bafazi
Nelokunqandela intombi.
Eziyek'amadoda.

20. Kaulirol'iqinga
Siwavun'amazimba
Hoha! Mrs M. Maxeke
Mti omde orara wakulo
Deborah

21. Bhikica emva kwabavumi
Mrs. M. Maxeke
Ze nengcwaba lamagqwira
Libe ndaweninye.

22. Iziko le nyembezi
Liziko lo manyano
Kona ukuze sizibone
Nezivato ze Zulu.

23. Kulondawo! Nto ka Twebu
Zisondeze inkosi
Nto egaqa ihamba
Ixelis'idolopu.

24. Maziti gqi enkundleni
Koka Maxeke B.A.
Nto edubula isendlini
Bacholinto emnyango.

25. Liziko lokunqandela
Zonke izihuluhulu
Vumani ke zinkosi
Nilwe nikangelana.

26. Sekulindelwe kupela
Ilizwi le nkosi
Nandzo izilo
Ziza zisukelana

27. Pambili! Nto ka Twebu
Woti ukuze ulunge
Uke uxentse
Ungenantsimb'emqaleni.

28. Hoha! Mazijike
Sifunze kakubi
Kuputunywa ilizwe
Ke Jonakala.

29. Liziko! Lezazikazi
Eliputuma u Ntsikana
Inamb'enkulu eyajikela
Ibhekisa pezulu.

30. Awu! Latsho
Ibhadi elinebhula
Elizivutulula
Zimise Inkowane

Awu! Hia!